Ibali Lokufundelwa Phezulu

Ububele bokumkani

EyesiBini kaSamuweli 4:4; 9:1-13

Kwelinye nelinye iphepha lencwadi kaMefibhoshete, fumana ubuso obubonakalisa indlela ayewaphatheka ngayo.

1

Ncwadi ethandekayo,

Ndiziva ndidakumbile
ngokuba nangona ndikhula,
imilenze yam soze iphile.
Ndawa ngamhla uthile
andakwazi ukuphakama.
Ndalila. Ndandinqwenela
ukuba ndingabaleka
namanye amakhwenkwe.

2

Ncwadi ethandekayo,

Namhlanje bekuyimini
enzima kakhulu. Kufuneke
ndilinde, ndilinde umuntu
ozokundincedisa
ukundiphakamisa. Kwaze
emva kokokwafuneka
ndilinde, isidlo sakusasa.
Ibengekokutya kumnandi
noko. Ndiyanqwenela ukuba
utata wam uYonatan abe
abesaphila. Ebezakundikh-
athalela ngcono.

3

Ncwadi ethandekayo,

Indlela endoyika ngayo!
Ukumkani uDavide undibizile
uyayazi ukuba ithetha
kuthini ndingabulalwa kubo
uKumkani uSawule kwaku
ngutato'mkhulu wam.
Ndiqwenela kuthi kanti
utata wam ebesaphila.
Ebezakuzama
ukundikhusela.

4

Ncwadi ethandekayo,

Namhlanje ndibonane
noKumkani. UKumkani uye
wacela ukuba nditye naye
etafileni ebhotwe.
uKumkani kwakungumhlobo
omkhulu katata. Ngoku
wayefuna ukubonisa ububele
kum. UKumkani undinike
umhlaba ebekufanele ukuba
ngokatata, nabanye
abantu kuze balime
baze bafuye kuwo. Indlela
endamangaliswa ngayo!

5

Ncwadi ethandekayo,

Ukutya kwasebhotwe kokona
kungcono kakhulu!
Kubeyintlonipho enkulu
kakhulu ukuba ndibenethuba
lokuba nditye noKumkani.
UKumkani wakhetha ukuba
anditende ngendlela
ekhethekileyo mpela.
Ndivuya kakhulu.

Isicengcelezo seBhayibhile

"Hlalani niphuthuma okulungileyo omnye komnye, nakubantu bonke."
EyokuQala kwabaseTesalonika 5:15

Imibuzo eninokuthetha ngayo

Kwakutheni ukuze uDavide abenobubele kuMefibhoshete?
Ingaba bantu babubonakalisa njani ububele kuwe?
Singabubonakalisa kanjani ububele kwabanye?

© 2006 SANSSA Christian Education Ministries. Imvume yokushicilela inikeziwe kumthengi wokuqala kuphela. Akuvumelekanga ukuba wenze iinguqulelo.